## EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

- Le memorandam ilungiselelwe ukuba ibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Le memorandam iza kuxoxwa nesigqeba sokukorekisha phambi kokuba kuqalwe ukukorekishwa kumaziko okukorekisha.
- Iimpendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela eyodwa
- ngokokufaneleka kwazo.

## IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akavumelekanga ukuba aphendule umbuzo omde nombuzo omfutshane kudidi olunye.)**

2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo ekwiCANDELO A (imibongo efundisiweyo) korekisha kuphela emibini yokuqala.

3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCandelo B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomithandathu imibuzo (kwiNoveli/kuNcwadi lwemveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impendulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.

4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.

5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokungachanekanga, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandam.

6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.

7. *Imibuzo esisincoko.*

   Xa impendulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu.

8. *Imibuzo emifutshane*.

   **Musa ukumohlwaya** umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.

9. **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impendulo exhasayo.

10. Akukho manqaku abelwa uYINYANI/BUBUXOKI okanye LULUVO/YINYANI. Makisha impendulo exhasayo.

## ICANDELO A: ISIHOBE

***VUKANI MADODA KUSILE* – A Stemela: Umhleli**

**ISIHOBE ESIFUNDISIWEYO**

**UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SOMBONGO)**

**UPROFESA AC JORDAN – ZS Qangule**

| |
|---|
| Sebenzisa la manqaku alandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo. Iimpendulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo. Jonga kwirubrikhi ekwiphepha le-23 ukuhlola lo mbuzo. |

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

**Isitanza 1**

- Tarhuni nonke zingcali zesiXhosa, Imbongi isebenzise isikhahlelo ukucela indlebe ikwaxolisa icenga iingcaphephe zesiXhosa ukuba zimamele.

- Leqani ... Balekani ... Imbongi isebenzise uphindaphindo olutyhilwa zizithetha-ntonye eziziyaleli eziphuhlisa ukuba iingcali zesiXhosa mazigxabhagxabhise ziphakame zithathe apho ashiye khona okaAC Jordan ukuze singafi isiXhosa. Okokuqala imbongi iziyalela ukuba ziye equleni, iqula yindawo ekufumaneka kuyo amanzi nto leyo esisiseko sempilo. Ngokwalo mhobe iqula limele ubutyebi obushiywe nguAC Jordan kulwimi lwesiXhosa. Iqhuba ithi '... imimoya iyabhudla', esi sigama siphuhlisa ukuba njengoko imimoya xa ibhudla isenza umonakalo, imbongi inexhala lokuba ubutyebi obushiywe nguJordan kulwimi lwesiXhosa bungatshabalala. Iyawukhulisa imbongi lo mcamango kumqolo wesi-3 ngokuthi 'hleze kuvele imbalela', imbalela ke ingumqondiso wentshabalalo nto leyo ngokwesi sihobe engenza ukuba ulwimi lwesiXhosa lutshabalale.

- 'Lakufa ichanti kudakasa izabonkolo' Ichanti yinyoka engafane ibonwe nangubani kuba inxulunyaniswa nobugqwirha kunye nobutyebi. Izabonkolo zizilwanyana ezibomi bazo buxhomekeke ekubeni zibe semanzini. Oko kukuthi ukubhubha kwale ngqangangqanga kungadala ukuba lutshabalale ulwimi lwesiXhosa.

- 'Yakufa inkuku amaqanda ayabola,'Xa inkuku ifukamile kukho ithemba lokuba iza kuqandusela amantshontsho ngenye imini. Oko kukuthi xa ife ifukamile liyatshabalala elo themba. Ukubola kwamaqanda kuphuhlisa ilahleko kuba amaqanda abolileyo afanelwe ukulahlwa akanakuphinde enze nto. Ngokusweleka kukaJordan unokuba yilahleko umsebenzi wakhe ukuba aziwuhlanguli iingcali zentetho yesiXhosa.

- 'Kolunga sonke sibaleke sibonisane', imbongi imemelela ukuba kungahlalwa phantsi kukhawulezwe kudityaniswe iintloko. Oko ikwenza ngokusebenzisa isigama esibalasele ngemfano-zandi yoo-s.

- 'Mkhulu umthwalo osaza kuphakanyiswa,' Imbongi isebenzise igama 'umthwalo' xa iveza ukuba kuninzi okusafuna ukwenziwa ukuphuhlisa ulwimi lwesiXhosa.

**Isitanza 2**

- Imbongi xa iveza ilahleko ethe yanayo iMelika isebenzisa igama '... ivelelwe' kuba ubehlohla kwenye yeeYunivesithi zalapho. Kwakhona imbongi isebenzisa igama 'ingoziwe' ukubonaklisa umonakalo ongaphaya owenzekileyo ngokumka kwale ndedeba.

- 'Bazila kuTsolo ngosana lwabo', Oku kuphuhlisa ukuba le lahleko ichaphazele isithili sonke sakuTsolo dolophu leyo wazalelwa kuyo. Ukusetyenziswa kwesigama '... ngosana lwabo' kuphuhlisa uthando nokuba uJordan ubeseze ngobuso ezweni kusajongwe lukhulu kuye.

- '... iingcaphephe zathi libekiwe', Oko kukuthi abo baphume izandla kwintetho yesiXhosa bacacelwa ukuba ukufa kufikile nakubani na.

- Igama 'ukunxuba' liphuhlisa ukungonwabi nokunxunguphala kwizifundiswa kuba ziqondile ukuba ukufa akukhathali nokuba usisifundiswa.

- Ukubonisa ukuba ukufa kuza kufika nakubani na ngenye imini, imbongi isebenzise igama ... liyajijwa.

- Xa ibonisa ukuba enye yeengcali zesiXhosa enguJili akukudala iswelekile isebenzisa igama 'bekuyizolo'.

- '... usala ukusithela,' Imbongi isaqaqambisa uluvo lokuba ukufa kusachaphazela wonke umntu. Umfanekiso kaMatthews akululanga ukuba ulibaleke.

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** **[10]**

**UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**IDOMPASI – N Gcali**

2.1 Imbongi ibethelela ingcinga yokuba idompasi incinane√√/ idelekile√√/idompasi nangona ibonakala idelekile iqulathe lukhulu.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

2.2 Zifana ngokuba imiqolo yazo iyalingana√√/zifana ngokuba isitanza ngasinye sinemiqolo emi-6.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

2.3 Ubenefuthe elibi√ kuba abantu abaMnyama baphethwe kakubi ngabantu abaMhlophe besebenzisa idompasi.√√ (3)

2.4 Ngumyalezo wobumnandi nokonwaba kwabantu ngenxa yokufika kweID kuphelelwa uDompasi√√√/Ngumyalezo wokuphelelwa konxunguphalo ebantwini abaMnyama ngenxa yokufika kweID kuphelelwa uDompasi.√√√

**(Nayiphi na impendulo yomfundi echanekileyo)** (3)
**[10]**

**UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**UNXUNGUPHALO – N SHASHA**

3.1 Imbongi ibethelela ingcinga yokuzinga kwesenzo sokuba abantu abamnyama baphulukana nemiphefumlo yabo ngalo lonke ixesha.√√ (2)

3.2 Zifana ngokuba imiqolo yazo iyalingana√√/zifana ngokuba isitanza ngasinye sinemiqolo emi-6.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

3.3 Kubenefuthe elibi√ kuba abantu abaMhlophe bayadakasa bekwazithathela kubutyebi baseAfrika√√/kubenefuthe elibi√ kuba abantu baseAfrika bebulawa kabuhlungu bengenakuziphindezela okanye bengenakuzikhusela.√√

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (3)

3.4 Imbongi idlulisa umyalezo wentlungu engummangaliso eviwa ngamaAfrika ngenxa yokuphatheka kakubi nokubulawa kwawo ngokungenalusini.√√√

**(Nayiphi na impendulo yomfundi echanekileyo)** (3)
**[10]**

**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**AFRIKA LIKHAYA – W Shasha**

4.1 Imbongi ibethelela ingcinga yobudlakadlaka beAfrika ngenxa yokuba abaMhlophe bengena ngendlela engekho mthethweni kuyo.√√ (2)

4.2 Sahluke ngokungalingani kwemiqolo kwisitanza sesi-2 nesesi-3√√/ kwisitanza sesi-2 imiqolo ili-10 ukanti kwisitanza sesi-3 isi-7.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

4.3 Kubenefuthe elibi√ kuba abaMhlophe bangene ngenkani eAfrika bexhobile ngezona zixhobo zinobungozi bezidaphela nakubutyebi bayo.√√ (3)

4.4 Imbongi idlulisa umyalezo wokuba iya kutshabalalisa yonke le milambo neentaba ukuze ikwazi ukuya naphi na apho ifuna ukuya khona ikhululekile√√√/Idlulisa umyalezo wokuba iya kuyisusa yonke le miqobo yendalo ukuze ikwazi ukuhamba ngokukhululekileyo iye naphi na apho ifuna ukuya khona.√√√

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (3)
**[10]**

## UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE)

## UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## IKHAYA – LM Mda

5.1 Sisikweko√/siphuhlisa ukuba ikhaya yinto umntu asoloko ezidla ngayo.√√ (3)

5.2 Imbongi ibethelela ingcinga yokuba ikhaya liyakuhlala lilikhaya lakho nokuba iimeko zithini na.√√ (2)

5.3 Zohluke ngokuba imiqolo yazo ayilingani√√ /Isitanza soku-1 sinemiqolo emi-4 ukanti esesi-5 sinemiqolo esi-8.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

5.4 Imbongi idlulisa umyalezo wokuba ikhaya yindawo ebalulekileyo emntwini kuba nokuba umntu sebethwe lilizwe uphela ebuyela ekhaya.√√√/
Imbongi idlulisa umyalezo wokuba ikhaya lihlala lilikhaya nokuba linjani na kuba akunakulitshintsha nokuba sowufuna.√√√

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (3)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

## INOVELI

### UMBUZO 6 (UMBUZO OSISISINCOKO SONCWADI)

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Liyinene elokuba impumelelo isentabeni. Imiqobo adibene nayo uThole ayikhange imthibaze ekufezekiseni amaphupha akhe. Uzamile kunzima wade wafika encochoyini yentaba.

- Kwasekuqaleni kule ncwadi sidibana noThole sele ephumelele enguchwenene womfundisi osel'efunde de wayityekeza. Ukuze uThole abe ufikelele kweli nqanaba akulo lempumelelo ibe yimigudu namahla-ndinyuka ngenxa yemiqobo nemiceli-mingeni athe wahlangana nayo.

- Ubomi bakhe ubuqala ngendlela engathembisiyo kuba uthe emva kokuyeka isikolo kuba abazali bakhe bengakwazi ukumelana neemfuno zesikolo ezinjengeemali ezihlawulwayo neyunifom waphala elizweni engenasizinzo.

- Xa efika evela eRhawutini udibana nabahlobo bakhe uThemba noSonwabo abaphila ubomi obungenanjongo zakuphumelela ebomini babo.

- Uzibona sele eseBhayi uThole ngenxa yeempembelelo zaba bahlobo bakhe phofu engazazi nokuba uye njani. Isizathu soku kukuba aba bahlobo bakhe bamkhwelise emotweni ebheka eBhayi baze bamntyintya ngotywala nto leyo wayengazange wayenza ebomini bakhe.

- Kwelo laseBhayi uThole uzama ukuzenzela ubomi ngokuthi azifunele umsebenzi. Kwakhona kwalapho eBhayi uthi athandane nentombi egama linguNomsa adibene nayo edolophini. Uzibona sele esengxakini yokuphantsa ukubulawa ngumgulukudu onguJoe neqela lakhe. Lo Joe wayethandana noNomsa.

- Uthabatha isigqibo sokuba agoduke nanjengoko wayehambe ekhaya engaxelanga ngenxa yaba bahlobo bakhe bangamatshijolo. Endleleni egodukayo uphinde adibane noThemba noSonwabo, kwakhona bamkhukulisa baya kumlahla kumahlathi aseKnysna engazi kuba babesithi bayagoduka babheka eGcuwa.

- Kuloo mahlathi abahlobo bakhe bathi baqwengwa ziingonyama kwasala iintloko zodwa, uThole yena usinda ngezikaSibi apho. Nalapho eKnysna uzakhela ubomi ngokuthi azenze igqirha. Uphetha sele ephila ubomi obungcono eKnysna kuba wabanemali nemfuyo.

- Iimeko ngeemeko zamenza wafikelela kwisigqibo sokuba agoduke ngeenjongo zokuphindela esikolweni kuba wayesazi ukuba imfundo sisitshixo sokuvula kumahla-ndinyuka obu bomi. Ngoku sele egodukile akukho mntu unathemba lokuba angaze afunde kuba ubonakala emdala engenayo nemali eyaneleyo yokuya kula maziko emfundo ephakamileyo athe waya kuwo.

- Uyise owamkhulisayo uFikizolo yena wayesele eyincamile into enxulumene naye nesikolo sele efuna ukumzekela umfazi. Oku kungqinwa ngamazwi akhe athi, 'uya kuthemba xa efumana incwadi evela kuThole esesikolweni eDikeni'.

- UThole uzotywe wakrelekrele kakhulu akubuyela esikolweni kuba wabalasela kwizinto ngezinto. Umzekelo, wafika esikolweni wagqwesa ezifundweni zakhe, emidlalweni, kwiingxoxo-mpikiswano nasekushumayeleni ivangeli de wanikwa igunya lokukhwaz'umsind'ozayo ngeentsuku ezithile enikwa ngumfundisi uShepherd wade wenziwa usihlalo weS.C.A.

- Ngesizathu sokuzibalula kwakhe kwiingxoxo-mpikiswano wachongwa ukuba abe ngumfundi oya kumela isikolo sakhe kwiYunivesithi yaseKapa. Wagqwesa apho waze wonyulwa ukuba aye kumela uMzantsi Afrika kwingqungquthela eyayiseNgilane, waphiwa nesipho-mali sokuba aqhubele phambili nezifundo zakhe ngabafundi baseUCT.

- Wafika wagqwesa nalapho eNgilane waphetha sele ebuya ezilahlele kakhulu kwezakwaLizwi. Kulapho wathi wafumana inkxaso-mali yokuqhubela phambili nokufunda ezakwaLizwi. UMangaliso wafunda kwaNokholeji de waphumelela isidanga seB.A kwezakwaLizwi. Ukufumana kwakhe isipho-mali kwenza ukuba akwazi ukuqhubela phambili nezifundo zakhe phesheya kweelwandle. Waphumelela emagqabini de waba naso nesidanga seMaster of Divinity kunye nesePHD, zozibini ezifumana eOxford University eNgilane.

- Ayikhange ilindeleke into yokuba uThole angaphetha sele engumfundisi ophethe esoyisa neengxaki zaseGeorge Goch ndawo leyo yayidume ngokweyelisela abefundisi kwiziyolo notywala. Ukutshata nokuthandana kwakhe noThozama kube negalelo kwimpumelelo yakhe. Kwimpumelelo yakhe eGeorge Goch udibana noyise ubaw'uMkwayi engalindelanga nawayengasenathemba lokuba uya kuze aphinde ambone.

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** **[25]**

## UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa

7.1 Kubenefuthe elihle lokuba bonke abantu ababelapho esibhedlele balibala ngeemeko ababekuzo baba nomdla wokujonga kuMangaliso de abanye bayeka nemisebenzi ebebeyenza.√√ (2)

7.2 Yayikukufanelwa sisinxibo sakhe√√/ isithomo sakhe esasithe ncothu√√/ ubuso bakhe obukhululekileyo obusoloko bugcwele uncumo.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

7.3 Imveza njengomntu onentlonipho okanye onembeko√ kuba oko kuphuhliswa yindlela athetha ngayo ethi 'nkosazana' xa ebhekisa kumongikazi.√√ (3)

7.4 Umqaqambise esikolweni kuba wayesoloko ephuma phambili ezifundweni zakhe√√/Umqaqambise esikolweni kwiingxoxo-mpikiswano√√/Umqaqambise eGeorge Goch kwiintshumayelo zakhe.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

7.5 Kwinqanaba lovuthondaba√ kuba iziganeko zikhule de zakwelona qondo liphezulu okanye encochoyini.√√ (3)

7.6 Unobangela wokuthandabuza yayikukuba babengaqinisekanga ngeyona yayisenzeka.√√/ kukuba aba bakhalayo babegonene.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

7.7 Savuselela ingcinga yokuba kukho umntu oswelekileyo√√/Savuselela ingcinga yokuba kuyaliwa.√√Savuselela ingcinga yokuba kukho undonakele.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

7.8 Wayegxininisa indlela onwabe ngayo akubonana noyise omzalayo.√√ (2)

7.9 Sisiva esisebusweni bukaMkwayi.√
Ngumkhango osesiswini sikaMkwayi.√ (2)

7.10 Ngumqondiso wokuba uThole waphumelelela ekuzenzeni igqirha eKnysna enceda abantu bakhona kwiingxaki zabo.√√ (2)

7.11 Sisigqebelo sokuba umntu omdala akanakuba safunda nto ibhadlileyo kodwa uMangaliso ufunde de wayityekeza kuba uphethe engumfundisi.√√√ (3)
**[25]**

## UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### *UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

- Liyinene elokuba impumelelo isentabeni. Imiqobo adibene nayo uMfazwe ayikhange imthibaze ekufezekiseni amaphupha akhe. Uzamile kunzima wade wafika encochoyini yentaba. Owona mqobo endleleni yakhe nguRhulumente wengcinezelo osandla sakhe yayingamapolisa, amajoni kunye neempimpi.

- Uyafunda ade abe ngutitshala wezembali khondo elo ebengafuni lona kodwa ngenxa yemeko yezopolitiko wanyanzeleka. Oku kumnike ithuba lokuvuleka kwezopolitiko. Ulwazi analo luyamtshisa, uphokozela wonke akufutshane naye, eklasini urhabulisa abafundi, kwigumbi lootitshala urhabulisa oogxa bakhe ukanti nasekuhlaleni akabayekanga abahlali.

- UMfazwe uzibona ebanjwa kuba kusithiwa unyola umbuso esweni ngeemfundiso zakhe de wavalelwa. Emva kokungcungcuthekiswa ngeendlela ezahlukeneyo uyacelwa ngamapolisa ukuba abe ngungcothoza, akavumi. Ukhonjwa kubunewunewu obuphilwa ngooFriday, Ndlela noNtsipho njengendlela anokuphila ngayo ukuba angasamkela esi sicelo. Wazixelela ukuba angekhe athengise ngegazi labantu bakokwabo.

- Uyakhululwa ekuvalelweni ufika litshe liluthuthu ikhaya lakhe. Ufika amapolisa sel' etyale umoya wokuba uyimpimpi. UGaba noCwe xa edibana nabo bamganga ngolu lwimi aphela emqaleni kuye ngesi sityholo afika esibekwa ekuhlaleni. Kwiindibano zoluntu akamkeleki.

- Emva kokuthetha noCwe uya kwintlanganiso eseholweni apho wasinda ngezikaSibi bemthuka bembetha abantu ngokufunzwa nguFriday enye yeempimpi zikaRhulumente.

- Xa etyekezwa ngabantu ngolu hlobo ubalekela emangcwabeni nawo phofu angawathembanga ukuba akangevuki amjikele. Intliziyo yakhe ibuhlungu kuba ebukulwa ngabantu ahlala nabo bambi benjengezihlobo kuye. Iyamkhathaza le nto, ngakumbi xa ecinga ukuya kokwabo.

- Akaphelelanga apho ekumgxothiseni uFriday uye wahlala kwizithende zikaMfazwe enamahlakani akhe. Sibona kwaGaba elala kwimoto endala. Bayafika uFriday neqela lakhe sebejolise imikhono yekati, ngethamsanqa wabe sele ephumile kuloo moto, ekhethe ukubalekela eSihlahleni kwamalume wakhe, engqondweni efuna eyona nto uFriday amzungulela yona.

- Kwincoko yakhe noGaba uve ukuba amapolisa abulele abantwana besikolo. Wazimisela ukuba ngenene uyaya emingcwabeni yabo nangona abantu bakuQaka bemjonga ngeliso lobumpimpi. Siyiva loo nto utat'omncinci kaMachule xa ethetha ukuba kungenxa yale mpimpi ukuze babe bakwazile ukungcwaba ooMachule.

- Emva komngcwabo simbona uMfazwe ecetyiswa nguSiphiwo omde noSiphiwo omfutshane ukuba abaleke xa kucaca ukuba ufunwa ngamehlo abomvu. Ubalekela kwaMfundisi uHlathi ngelokuzisindisa. Apho kwakhona uyajikelezwa nguFriday namahlakani akhe, akukho ukonwaba kuye. Endleleni ezincamayo esiya kujongana ngqo noFriday uphazanyiswa yincwina ephuma emotweni eyiCressida. Uthe efuna ukunceda wabona umngcipheko anokuba uzifaka kuwo wakhetha ukuphindela kwaMfundisi uHlathi.

- Uyabhaca ngokunyanzelwa nguMfundisi uHlathi ngokubona ukuba izihlangu zakhe ezinqongo ligazi zingamfaka engxakini ngokungathi nguye obulele abo bantu. Enye into kuyanyanzeleka ukuba uFriday neli tyholo asithele ngalo bangayekwa nje ukuze abantu bakhululeke kwingcinezelo.

- Endleleni eya elubhacweni zininzi izinto eziyimiqobo kwindlela yakhe. Amapolisa akayenga ukumkhangela ade abe uyatsiba kuloliwe ngobusuku akhethe ukuhamba ngeenyawo. Uyalunyukiswa ngumzingeli ngelithi le ndawo ahamba kuyo ngummandla kafayayo kunjalo nje abasindi abantu kuyo. Ngenxa yoncedo alufumane kumzingeli uMfazwe ukwazile ukumelana namapolisa ayemthelekisa noogxa babo kuloo ndlela iya kujoyina iNtsimb'ebomvu.

- Ngobukrelekrele bengqondo yakhe uMfazwe ukwazile ukubonisa amaqabane ukuba akayiyo impimpi. Uyanyulwa abe kwiqela lokumela uMzantsi Afrika kwisithebe sengxoxo eRhawutini. Ubuya apho uFriday sele eneqela lakhe lopolitiko kodwa uFriday kuyafunyaniswa ukuba unenxaxheba ayidlalileyo ekubulaweni kwabantu. UMfazwe ngoku seyinguye ochophele elo tyala likaFriday njengejaji. Kube yimpumelelo ukukhulula isizwe sabaNtsundu kwingcinezelo yamaBhulu. Satsho sabuya isidima somntu oMnyama.

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** **[25]**

## UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### *UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule

9.1 Saba nefuthe elibi ngokuba abantu baphela besoyika le mpatho gadalala yenziwa ngamapolisa ebantwini.√√ (2)

9.2 Kungokuba wayegquka umkhondo ukuze amapolisa angamboni ambambe.√√ (2)

9.3 Liwaveza amaXhosa njengabantu abakuthandayo ukuzalana√ njengoko kwathi kwavela abantu abaninzi abangooCirha√√/ njengabantu abantu abathanda ukuzalana√ kuba kwavela nabo bazalana ngandlela ithile nooCirha.√√

(Nayiphi na kwezi) (3)

9.4 Bubuchule bokuba uMfazwe asebenzise idyasi awayeyibolekile ukuzenza ngathi ungomnye wabahambi, ukuphatha isiqhuma sempahla, ukothula umnqwazi awayewuthwele nokungaphakuzeli nokuba sel'erhanelwa ngabantu.√√√ (3)

9.5 Likwinqanaba lokujiya kwezinto√/lokuyondelelana kwezinto√, kuba amapolisa ahleli ezithendeni zikaMfazwe kuba afuna ukumbamba√√/ kuba iziganeko zikhulisa impixano.√√

(Nayiphi na kwezi) (3)

9.6 UKhonjwayo noMfazwe abavumelani ngokutshintsha amaxesha ohlaselo ngenxa yoko uKhonjwayo ubethwe ngempama nguMfazwe emva kokuba emkhumbuze ukuba uyimpimpi.√√√ (3)

9.7 Avuselela ingcinga yokuba amaqabane ayengafuni nto iwadibanisa noMfazwe emoyika emva kwesiganeko sikaKhonjwayo√√ / avuselela ingcinga yokuba amaqabane ayemkrokrela ngokuba uyimpimpi.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

9.8 USiphiwo kunye noThembekile ngabantwana ababefundiswa nguMfazwe kwisikolo iFunda ikwangabo abasindisa uMfazwe mhla wayeze kufunwa ngamapolisa kuloMachule√√/uSiphiwo noThembekile babengamaqabane bonke.√√

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (2)

9.9 UKhonjwayo wasuka wathi bozololo wazola akubizwa nguMfazwe wasonga izandla okosana.√√ (2)

9.10 Isigqebelo sesokuba uMfazwe obefudula ebonwa njengempimpi kuQaka etshutshiswa kodwa ngoku lahlambeka elo bala ungomnye wabazabalazela inkululeko.√√√ (3)

**[25]**

**UNCWADI LWEMVELI**

**UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Nabanye**

**'UMVUNDLA NENGONYAMA'**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubhrikhi ekwiphepha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

**Intshayelelo:**
Apha uMvundla useluhambeni lokuya kubona amanye amazwe endleleni uchole iintsiba zencanda, umpu kunye nengxowa. Kusenjalo wadibana noFudo waze walucela ukuba luhambe nawe, lwavuma.

**Isidingo**
Apha kolu hambo uMvundla udinga indawo yokulala aze adibane nomngxuma ekuthe kanti le ndawo yeyezilo ezikhulu zehlathi iingonyama. Ziyafika ezi nkosi zehlathi endaweni yazo zisekude ziva ivumba elingaqhelekanga zibone ukuba le ndawo yazo ingenelwe ngabanye abantu. Iinkosi zehlathi zidinga indawo yokulala ngenxa yoMvundla ohleli endaweni yazo. Iingonyama zinyanzela uMvundla ukuba uphume endaweni yazo kuba aziboni silo simbi sinokoyisa zona. UMvundla awuvumi uyaziqobisela uzixelela ukuba nguwo omkhulu kunazo. Iingonyama zithi mawubonise obu bukhulu bawo uMvundla.

**Isisombululo**
UMvundla uqale ngokutshintsha ilizwi zoyika iingonyama. Zakholelwa zingakholelwa iingonyama. Zifune obunye ubungqina obubonisa ubukhulu bukaMvundla uphinde wakhupha uFudo ngelithi yintakumba ephuma emzimbeni wakhe nalapho azavuma ncam iingonyama, Uncame wakhupha okanye waveza iintsiba zecanda ngokuthi ziintsiba zakhe, zadelela iingonyama, zathi makakhe agqume zive.
UMvundla waziyalela ukuba zifole waze wadubula ngesithongakazi sompu ngelithi ngumgqumo wakhe lowo wabe ngaloo ndlela uyazisindisa uMvundla zabe zifile ezinye iingonyama kukungxwelerheka.

**Isiphelo**
UMvundla uvakalise umgqumo omkhulu wompu zacinga iingonyama ngumngqumo ophuma kuMvundla zangxwelerheka ezinye zafa wabe wona uMvundla ngalo ndlela uyasinda waqhubeka nendlela yawo.

**Imfundiso**
Ubungakanani bomzimba woMvundla abuyichaphazeli indlela ocinga okanye oyisebenzisa ngayo ingqondo. UMvundla usebenzisa ingqondo ngaphezu kwamandla ukoyisa ezona zilwanyana zoyikekayo nezinamandla.

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** **[25]**

**UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Nabanye**

**'INTSOMI KADELI NODELIWE'**

11.1 Kungokuba bayalekelana√√/bayezana√√/bazalwa kunye√√/ngumntu nomntakwabo.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

11.2 Sisityhilela ukuba ngumntu ongenabuntu√ kuba naku engafuni ukumkhapha uDeliwe ngelithi uyamhlaza√√/Sisityhilela ukuba unocalucalulo√ kuba naku engafuni kuhamba noDeliwe ngenxa yesifombo sakhe.√√

**(Nayiphi na impendulo yomfundi echanekileyo)** (3)

11.3 Yingcinga yokuba babemcekisa√√/yingcinga yokuba banentiyo kuba uDeliwe wayenesiphako emzimbeni.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

11.4 Imncede ngokuba wadibana nomntu owathi wamnceda ngokumsusela isifombo sakhe.√√ (2)

11.5 Yimfundiso yokuba uyazincama unyamezele xa ufuna into√√/
Yimfundiso yokuba ekunyamezeleni kukho umvuzo.√√/Impumelelo isentabeni. √√

**(Nayiphi na impendulo yomfundi echanekileyo)** (2)

**'ENKOSI STEVE BIKO: ESINGEQHAWE'**

11.6 Sisikhahlelo√/ukungalingani kwemiqolo√/ukubongwa kweqhawe√/ukulandwa komnombo√/ukuqaqamba kophindaphindo√

**(Nasiphi na isibini)** (2)

11.7 Imbongi iyagxininisa√√/Imbongi iyagxininisa ibonisa ukuvuya nemincili yokubona ilizwe uMzantsi Afrika utshintshile ngenxa yamathandazwe anjengoSteve Biko√√/ Imbongi iyagxininisa kuba yonwabile uMzantsi Afrika utshintshile.√√

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo yomfundi)** (2)

11.8 Imbongi iyazingca ngegalelo elenziwe ngamathandazwe√√/ imbongi iyazingca ngegalelo elenziwe ngamathandazwe kuba kungoku nje uMzantsi Afrika uphantsi kolawulo lwentando yesininzi.√√

(**Nayiphi na impendulo echanekileyo yomfundi)** (2)

11.9 Imbongi iphuhlisa ukuba ngenxa yemfundo nezikolo ezingacalucaluliyo√ sikwazile ukulwa nengcinezelo.√ (2)

11.10 Ngowokubulela indima edlalwe nguSteve Biko emzabalazweni√√√/ngowokubulela indima edlalwe nguSteve Biko elwela inkululeko yaseMzantsi Afrika.√√√

(Nayiphi na kwezi) (3)

11.11 Yonwabile√/Iyavuyya√/uphezulu√ kuba isizwe esiMnyama sikhululekile ngenxa yabantu abafana nooSteve Biko.√√

(Nayiphi na kwezi) (3)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

## UMBUZO 12 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### *AMAZA* – ZS Qangule

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubhrikhi ekwiphepha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

- Umbhali apha usivezela ukunyanzeliswa kwesiko lokubonelwa. Sidibana noNamhla esendiselwa ngenkani ngabazali bakhe uDanile noMaDlamini kwisoka elinguSidima angalithandiyo. Kwelinye icala uLizo Vaxa utshatiswe ngenkani kumntu angamthandiyo onguZodwa Zazile. UNamhla umntu osenyongweni kuye nguLizo Vaxa.

- Kusalungiselelwa umtshato uNamhla ungenisa uLizo entangeni yakhe nto leyo imasikizi ngokwenkcubeko. ULizo ufika entangeni kaNamhla kwaDanile amfake umsesane ukubonisa ukuba uyamthanda ekwambanga ukuba ngowakhe nangona kokwabo enyanzeliswa ngoSidima.

- Bavumelana ngokuba uNamhla ukuba amkele imali yokuthenga umsesane kuSidima ayifake ebhankini yakhe. Babhaqwa nguDanile bemhokamhokana entangeni de awuthabathe lo mcimbi wabo awuse kumzi wamaBhele uphela kodwa oko akumthibazi uNamhla kuthando lwakhe noLizo.

- Ude uyatshatiswa noSidima nangona uNamhla engavumelani nalo mtshato.

- Umtshato wesi sibini awuzange ubenguwo kwakwiintsuku zokuqala kuba sidibana noSidima noNamhla bexambulisana kunzima de wabe uNamhla ukhupha ubungqina obubonisa ukuba uSidima unomntwana onguXelisa kuZodwa Zazile ngelixa batshatileyo. USidima ucenga ancame umkakhe ongafuni nokuva. Uphela uSidima esimka esiya kwilizwe lempangelo eRhawutini.

- Ukungawufuni kwakhe uNamhla lo mtshato ukubonakalisa nangethuba sele etshatiswe ngenkani noSidima. Oku kubonakala kakhulu akuba uLizo edubule umyeni kaNamhla 'uSidima'. Bayaqhuba bayathandana. 'Ukusweleka' kukaSidima kubangele ukuba kuthiwe uNamhla makangenwe liwele likaSidima uDuma okanye uLunga ngokwesiko. Ukhaba ngawo omane uNamhla. Oku kudala ingxabano enkulu phakathi kukaNamhla noninazala onguMaNdaba. Masimve uNamhla xa esithi, 'ukuba ndingatshata nomnye woonyana kumhla ichanti lingaphuma lothe ilanga.

- UNamhla uphelelwa ziintloni uthandana phandle noLizo kumzi wamaCirha ude amithe umntwana kaLizo nangona engumfazi. Esi sisu akanantloni ngaso libhongo lenkululeko kuye. UNamhla njengomntwana weli xesha akakhange ayizilele ngendlela eyiyo indoda yakhe.

- Ukhwetyelwa entlanganisweni ngamaCirha ngeenjongo zokuchola esi simo sakhe singathandekiyo nesibonakalisa intlonipho engekhoyo. Wala kwaphela ukuba yinxalenye yentlanganiso efuna ukumahlukanisa nesithandwa somphefumlo wakhe.

- Ngexesha uSilumko ongumcuphi aphanda ngombulali kaSidima noZodwa ufika kwaMaNdaba uNamhla ehleli noLizo nto leyo ebonisa ngokucacileyo ukungabikho kwentlonipho kuNamhla. Icebo likaSilumko lokuzenza igqirha liyaphumelela kuba ungena sele esazi ukuba uNamhla uthe phithi nguLizo kwayebafuna ukutshata. Usebenzisa inkolo yobugqwirha ngokuthi athi kubo udibene noMaNdaba esombela ufele lwenyoka emva kwendlu nto leyo yayiza kuba ngunobangela wokuba bangatshati. Nabo bayayikholelwa le nto ithethwa nguSilumko watsho wabamemela kwinkonzo yasemangcwabeni. Loo nto yabenza ukuba bathandane ngakumbi.

- Ukubona kwabo uSidima kwabenza batyhwatyhwa bobabini kuba babecinga ukuba uSidima sisiporho njengoko babemazi engumntu owaswelekayo. Ukutyhileka kokuba uLizo ngumbulali 'kaSidima' uNamhla usecaleni kwakhe. Iphela incwadi bekunye.

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** **[25]**

**UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***AMAZA* – ZS Qangule**

13.1 Ubona ukuba uNamhla uyasela nanjengomntwana oyintombazana√√/ kungokuba uNamhla uthetha naye ngokungenambeko.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

13.2 UNamhla uphela ethandana nomntu afuna yena onguLizo kwelinye icala uSidima uthandana noZodwa Zazile√√√/ULizo wala uZodwa eyedwa engababandakanyanga abazali kutsho kungabikho nto ayenziwayo√√√/ Akubhubha u 'Sidima' kunyanzeliswa isiko lokungena uNamhla uyala√√√/uNamhla umithi ngaphandle kwasemtshatweni loo nto iligugu kuye.√√√

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (3)

13.3 Kungokuba uNamhla 'uswelekelwe' nguSidima ngoko ke ngokwesiko lakwaNtu kumele ukuba isiko lokungena lithathe indawo, uNamhla angenwe nguDuma okanye uLunga njengabaninawa bomyeni wakhe uSidima.√√ (2)

13.4 Yimpixano yangaphandle√ kuba sibona uMaDlamini eqhwaba uNamhla ekwamtsala nangeenwele.√√ (3)

13.5 Likwinqanaba lovuthondaba / lisencochoyini√ kuba kulapho iziganeko zifikelele encochoyini sibona uxambuliswano phakathi kukaNamhla noMaDlamini akukho mntu ufuna ukugoba uphondo√√.

(Nayiphi na kwezi) (3)

13.6 Isityhilela ukuba uNamhla akakholelwa kwaphela kwisiko√√/ isityhilela ukuba uNamhla akahambisani tu namasiko.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

13.7 Adityaniswa kukuba kufuneka bazise uNamhla ngesiko lokungenwa.√√ (2)

13.8 Ngokuthi amithiswe nguLizo ongenguye umyeni wakhe esazilile√√/uNamhla uphendule nakanjani kubantu bomzi wakhe ebonisa ukungabakhathaleli.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

13.9 UMzabalazi akahambisani nokuba uNamhla makangenwe nguDuma okanye uLunga ngenxa yendlela aziphethe ngayo.√√√ (3)

13.10 Ivuselela ukuba uLizo yindoda ekrexezayo enabantwana abaninzi ngaphandle komtshato√√√/Ulala nalo naliphi na ibhinqa adibana nalo kutsho kubekho isiqhamo.√√√

(Nayiphi na kwezi) (3)
**[25]**

**UMBUZO 14 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

***A-a-a! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubhrikhi ekwiphepha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

- Umbhali uphumelele ukumzoba uMaqoma njengomlinganiswa odlale indima ephambili ekuthinteleni ukubhunyulwa kwemihlaba yamaXhosa ngabantu abaMhlophe. Kulo mdlalo sifunda ngembali nentlalo yamaXhosa phantsi kolawulo lweenkosi ezibaphetheyo, abakholelwa kuzo. Sifumanisa ukuba unkosi uMaqoma uyabathanda abantu, nto leyo yenze ukuba naye athandwe ngabantu kuba uzama kangangoko ukubonelisa ekwaneliso elibukhali kwizinto ezihlupha abantu bakhe njengenkokeli.

- AmaXhosa ngabantu abakholelwa kakhulu kwizinyanya. Ivulwa nje incwadi, uMaqoma uyabuza kuSoga ukuba babuyela nini kwaNojoli, kumagqubа ooyise.

- Uyakhalaza kukushiywa kwamathambo ooyise, izinyanya zabo ke ukutsho oko.

- Sifumanisa ukuba ukufuduswa kwabo kwaNojoli ngetshova kubangele impilo kaNgqika, uyise kaMaqoma, ukuba ibe nkenenkene de aye kusweleka.

- Eyona ngxaki kukubaluleka komhlaba nongunobangela wedabi eli kulo mdlalo. AmaNgesi afika ehambisana nevangeli, ngale vangeli bafuna umhlaba kweli lizwe labaNtsundu. UMaqoma nabantu bakhe ngamakroti, oku kuphuhla xa uMaqoma eyalela umkhosi wakhe ukuba uhlasele amaNgesi. Abantu abaNtsundu balwa ngemikhonto amaNgesi anemipu, kodwa baya phambili abahlehli. Amaphakathi ayazincama afa apho ifa khona inkosi yawo, nokuba kubi kangakanani na.

- Ibekwa phandle into yokujongelwa phantsi kwamaXhosa ngamaNgesi de athi 'le mirhangqolo, yamaqaba abahedeni' elizweni lawo. AmaNgesi aphinda ababone abantu abaNtsundu njengabantu abangena mthetho, umzekelo uToli ikhoboka, ubethwa nguRufus umrhwebi, uthi uba impahla yakhe arhweba ngayo.

- UToli ubalekele kwaMaqoma, uMaqoma ugweba uRufus inkabi yenkomo ngokuphatha kakubi ebetha uToli. Akaxoli uRufus kukugwetywa yinkundla kaMaqoma, 'iqaba' elingazi mthetho.

- Abefundisi banamaqhinga bedibene noSomerset, babhala incwadi ethi uMaqoma makaye eTyhume emke eTshokotshela. Xa efuna umhlaba athi aza kuvula iinkonzo afundise abantu ukubhala, ukufunda iBhayibhile nokubala. Ngelo xesha linye bafuna ukuzenzela ilizwe labo apha phakathi kwamaXhosa.

- UXhoxho xa eyalezwa nguKondile umfundisi welizwi ukuba amcelele indawo yokwakha isikolo necawa, akavumi kuba umhloniphile uMaqoma umkhuluwa wakhe, uyamazi akayifuni le nto yokuthathwa komhlaba wabo ngabafundisi abanamaqhinga.

- UMaqoma yinkosi enoxolo kuba uthetha enjenje sele kubiwe iinkomo kwabulawa nabantu, 'Andinqweneli ukuba kuphalazwe igazi lomntu madoda akowethu. Ndiphatheleni kuphela iinkomo zabantu bam ezibiwe ngaloo manyangaza.' Utsho xa ethuma amadoda ukuba aye kuzilanda.

- Kwakhona kuMaqoma umhloniphile uyise uNgqika. Xa iphela incwadi uNgqika uyabona kuza kuliwa uyanqanda, ude athi 'Yihla mfo wam. Luhlanga olunenzondo olu …' Uyavuma uMaqoma bayafuduka, kodwa engafuni ehlonipha umyalelo kayise.

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** **[25]**

**UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***A-a-a! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

15.1 Ubona umfazi wakhe uNowayithini ethabatheke kakhulu yivangeli.√√ (2)

15.2 Kukunika umyalelo weqonga√ nokuchaza okuza kuqhubeka ebalini.√ (2)

15.3 Ngokwesimo sentlalo yakwaNtu isikhahlelo sifanelekile ukusetyenziswa ukubonisa intlonipho nembeko enikwa inkosi.√√ (2)

15.4 Isityhilela ukuba uMatshaya ungumntu okholosa nothembela kuThixo√√/Isityhilela ukuba uMatshaya yenye yamadoda asele amkele inkolo yobuKrestu.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

15.5 Likwinqanaba lokujiya kwezinto/lokuyondelelana√ kuba sibona ivangeli ifakwa ngokufakwa ebantwini abaNtsundu.√√ (3)

15.6 Injongo kukulobela abantu ecaweni.√√ (2)

15.7 Ivuselela ingcinga yokuba iinkosi ngabantu abathanda ukuphiwa izipho.√√ (2)

15.8 Eli binzana lisivezela imbono yokuba banokungahambisani nokuba kusilwe utywala kwisiyunguma sabo.√√ (2)

15.9 Sisizathu sokuba inkolo yakhe ayimvumeli ukuba azibandakanye kwinto edibanisa notywala.√√ (2)

15.10 Isimo sentlalo sesasezilalini√/ sixubile yinkolo yesintu nenkolo yobuKrestu√ kuba sibona kukho abafuna ukufaka eyabo inkolo yobuKrestu kumatyathangubo.√ (3)

15.11 Yinto yokuba abantu bashiya inkolo yabo yesintu bangena kwivangeli√/ Ivangeli yangenisa impixano emizini abafazi abavana nabayeni babo kuba bethe phithi yivangeli√/ Imihlaba yabantu nezinto ezibubutyebi kulo mhlaba kaMaqoma zathatyathwa ngabantu abaMhlophe egameni levangeli√/abanye bathiywa amagama esilungu√/ abanye babulalana bodwa. √

(Nasiphi na isithathu) (3)

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

## 6.1 ISIHLOMELO A: IRUBRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE

## ICANDELO A: Irubrikhi yesincoko soncwadi: ISIHOBE [10 AMANQAKU]

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| | 8–10 | 6–7 | 4–5 | 2–3 | 0–1 |
| **UMXHOLO**<br><br>Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo, indlela azakuzela ngayo ingxoxo, ukuwulandela kakuhle umhobe.<br><br>**7 AMANQAKU** | -Isihloko sitolikwe ngokunzulu.<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa isihobe.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olugqwesileyo lwesihobe. | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo.<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo.<br>-Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwesihobe. | -Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo<br>-Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle.<br>-Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olusisiseko lwesihobe. | -Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo.<br>-Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko.<br>-Impendulo ibonisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe. | -Akanalwazi kwaphela ngesihloko.<br>-Impendulo ayikho mxholweni wesihobe.<br>-Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe. |
| **ISAKHIWO NOLWIMI**<br><br>**3 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana.<br>-Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo.<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zivuthiwe, zinomtsalane, zichanekile.<br>-Igrama upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela. | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle.<br>-Ukuthungelana kwengxoxo kuyalandeleka.<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ubukhulu becala. | -Bukho ubungqina besakhiwo.<br>-Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana kwezimvo.<br>-Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu. | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo.<br>-Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko.<br>-Bukho ubungqina beziphene zolwimi.<br>-Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga. | -Isakhiwo sife amanqe.<br>-Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke konke nesimbo esingachanekanga. |
| **AMANQAKU** | **8–10** | **6–7** | **4–5** | **2–3** | **0–1** |

## ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI- INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **12–15** | **9–11** | **6–8** | **4-5** | **0–3** |
| **15 AMANQAKU** | -Impendulo igqwesile. 14–15<br>-Impendulo ebalaseleyo. 12-13<br>-Ukutolikwa okunzulu kwesihloko<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi.<br>-Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi. | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo.<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo. Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi. | -Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu.<br>-Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko<br>-Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka.<br>-Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga. | -Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo.<br>-Ambalwa amanqaku axhasa isihloko.<br>-Iimpendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu.<br>-Luncinane ulwazi ngejenre netekisi. | -Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko.<br>-Iimpendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo.<br>-Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke.<br>-Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi. |
| **ISAKHIWO NOLWIMI** | **8–10** | **6-7** | **4–5** | **2–3** | **0–1** |
| **10 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana.<br>-Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo.<br>-Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile. | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle.<br>-Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano.<br>-Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo.<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe Ngokuchanekileyo ikakhulu. | -Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga.<br>-Unamathelelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene.<br>-Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu.<br>-Imihlathi ichanekile ikakhulu. | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo.<br>-Izimvo azithungelelani kakuhle.<br>-Iziphene zolwimi ziyabonakala.<br>-Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga.<br>-Imihlathi ineziphene. | -Ukungabikho koyiloo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo.<br>-Iimposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo.<br>-Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala<br>-Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka. |
| **AMANQAKU** | **20–25** | **15–19** | **10–14** | **5–9** | **0–4** |

**QAPHELA: Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepha lesithathu, mnike u-0.**